

NGAPHAMBILINI KUBONA, CORONA! UTSHEPHO OWAZIWA NGO MTSHEPISTO UFUNDA MALUNGA NE-CORONAVIRUS KWAYE UZINIKE IXESHA ELOKUFUNDA OKUNINZI NGALENTSHOLONGWANE.
TSHEPO!
TSHEPO!!?
NANTSO LE SACORONAVIRUS.CO.ZA. YHU! YININZI INTO ENYANZELEKE UKUBA NDI YIFUNDILEYO. SIVA UM'TU ENKQONKQOZA NGA-MANDLA.
NGENA MAGOGO!
MAGRIZA!
SUKUTHI "MANYIZA MANYIZA"! UNGENWE YINTONTI KWEZI NTSUKU?
NDENZE NTONI KE NGOKU?
MNTANAM', NDIKU QHELE UKHUTHELE KWEKWE, KODWA KWEZI NTSUKU EZIMBINI NDI BONA IVILA QHA APHA KUWE.
SOLOKHO UHLELI KU LE KAMERE UTHE NJO IPHONE YAKHO! UNE SHISHINI NGAPHANDLE, EZ'TEKSI SOZE ZIZIVASE NGOKWAZO. YINTONI?


HAYI MAKHULU, ANDIYILO IVILA, QHA BENDI PHA KU DA'BAWO, EKLINIK. UNDI XELELE NGA LE NTSHOLONGWANE KUTHIWA YICORONAVIRUS, KWAYE KUNYANZELEKILE UKUBA NDI HLALE APHA, UKUBA NDI NGA VULI I-CARWASH, UMBA, KUYE NDIVIKELE UKUGULA.
MXM. U-SONTO WA LAPHA E-NEXT-DOOR UNDI XELELA UKUBA LE GORILLA VIRUS ISEBENZISWA NGULUTSHA NOKUBA NI NGA PHANGELI.
YI CORONAVIRUS MAKHULU, KWAYE SUKU'MMAMELA USONTO. JONGA MAKHULU, NDI MANE NDI FUNDA NGAYO LE NTSHOLONGWANE, KUTHIWA IPHANTSE UKUFANA NOMKHUHLANE KODWA YONA IYABULALA.
UMKHUHLANE? RHA! UYAYAZI UKUBA APHA KULENDLU SISELA IMBIZA YAM', UHAMBISE ISISU, UBE NGU'MQEMANE EKUSENI. LE-MBIZA ISEBENZE IMINYAKA.
MAGRIZA, KUBALWE APHA UKUBA ICORONA INZIMA KAKHULU KUNOMKHULANE ESIWUQHELILEYO MINYAKA NEMINYAKA, IZIPHINDA PHINDA ISHUMI, KWAYE ISASAZEKA KALULA KAKHULU KUNAYO IFLU. LAMBIZA YAKHO MAKHULU, AYIZULUNGA TU.
OKAY, NDI NE CEBO, MHLAMBE XA UNGA PHANGELA, QHA UQINISEKE NGOKU- PHEPHA KWAKHO KWABO BANTU EBAPHETHEYO LENTO. NGALO NDLELA UKHUSELEKILE KWAYE USENAKO UKUFUMANA IMALI YOKHU NCEDA USAPHO.
KU LE SITE KUTHIWA ABANTU ABANAYO LE NTSHOLONGWANE ABABONAKALI, ABAYAZI NOKUBA BANAYO, KU- NOKWENZEKA UKUBA IYASISULELA NGAYO ENGAZI, YI LONTO KU NYANZELEKILE UKUHLALA ENDLINI, SOZE WAZI UKUB UZAKU SULELWA NGU BANI.


UTHI EYONA 'NTO ELUNGILEYO NGUKU HLALA DEXE, ENDLINI?
EWE! UMONGAMELI NGUYE UBEKE UMTHETHO WE LOCKDOWN, UKUQHINISEKISA UKUBA KUHLALWA IZINDLINI. NGA LO NGDLELA KUMISWA UKUSASAZEKA KWA LE NTSHOLONGWANE, KUDE ABANTU BE MPILO BA FUMANE ITHUBA LOKU NCEDA ABAGULAYO.
UZAKUYITHINI ICAR WASH, KWAYE LA CHOMI URULANI USEBENZE NZIMA UKUBA NIQALEELA SHISHINI.
XA NDI QHONDA KAKUHLE MAKHULU, XA WONKE UM'TU EYENZA NGA NDLELA KUTHETHWA NGAYO, IZA'DQITHA NGOKU KHAWULEZA, SIBE NAKO UKUPHINDELA SI PHANGELE, NDI DLALA INDIMA YAM. KWAYE NDI KHUSELE WENA.
MNA? NDINGENAPHI KE MNA?
NGA LA XESHA NDI SE KLINIK UDA'BAWO MARGRET UNDIXELELE UKUBA KUNYANZELEKILE KAKHULU MA NDI HLALE NDI NGA YIFUMANI ICORONA, NDI KHUSELA WENA UKUGQITHA MNA. KUTHIWA LE NTSHOLONGWANE IYINGOZI KAKHULU KWABADALA NABANTU ABANEZIFO NGAPHIMBILE, ABO BANTU BABUBE KAKHULUKAZI SESI-SIFO. YI LONTO USENCUPHEKWENI KAKHULU, UNESWEKILE MAKHULU.
CHINI BAWO! KUTHENI UNGA-QHALANGA NGA LONTO NGAPHIMBI KWAYONKE LENTO OYITHETHILEYO? KUTHENI UNGATSHO UKUBA LE NTO NGUMBULALI WAMAXHEGUGAZI?! THIZA! INJANI NA LENTO IFUNANA NOMAKHULU ABA NE SWEKILE. YHU MTANAM', HLALA KE, HLALA KU LE KAMER YAKHO.
UYAPHI KE NGOKU MAKHULU.
NDI TIXA UCANGO! INTO ENDINGAYI FUNIYO NGU LO MFUNDISI OHAMBA EBHETHA IDOOR-TO-DOOR APHA ENGINGQINI. ANDIFUNI EZE APHA NA LO CAROLINA VIRUS! XA KUNGA NGQONGQOZA UMTU, UTHI CWAKA! ASIKHO!

